2. Thandazelani ukucalucaluna ngobuhlanga nangesini.
3. Thandazelani ulwaphulo-mthetho nodlame eNM Bay
4. Thandazelani ukuba ubugcisa namazik eendaba amzukise uThixo kwesethu isixeko.
5. Celani ukuxolelwa ngokuthakatha, ukuthandaza izithixo, ukuphalazwa kwegazi, ukuziphatha ngendlela emasikizi nokophulwa kweminqophiso.

10 *Bufuneni ubuso baKhe nithandazela iinkokheli zendawo* enixelenga kuzo, kanti neenkokheli zeLizwi (imizuzu emi-5)

1. 4.
2. 5.
3.

a. Abafazi namadoda anamandla, abafazi namadoda amoyikayo uThixo, abafazi namadoda anenyaniso, abafazi namadoda akuthiyileyo ukufumana inzuzo embi (Eksodus 18:21).
b. Abafazi namadoda athandazayo aphakamisa izandla ezingcwele engenangqumbo engenakuthandaba (Timoti 2:8).
c. Thandazelani abelusi neenkokheli ngokwentliziyo kaThixo, eziyakubondla abantu bakhe ngolwazi nangengqiqo (Yeremiya 3:5).
d. Abafazi namadoda akukhuthaleleyo ukuzinikela ngokwendlela ekholisekileyo kuThixo, akwaziyo ukulahlula ilizwi lenyaniso, azimiseleyo ukumelana nembandezelo, wona asisitya sembeko, angcwalisiwe kwaye alulutho kuMninindlu, alungiselelwe wonke umsebenzi omhle, abuphephayo ubutyhakala nokwenza imfazwe yamazwi engancedi lutho, angaphembeleli kungavisisani; abafazi namadoda alungileyo, anenyameko ezithobile, anyanisekileyo, anaso nesakhono sokufundisa (2 Timoti 2: 1 -22).

11 Bufuneni ubuso baKhe nithandazela ulutsha

1. 4.
2. 5.
3.

a. Thandazani khon' ukuze esi sizukulwana sabantu abatsha sandise phakathi kwaso ukukhula isisizukulwana esibambe igospile.
b. Khon' ukuze abantu abatsha babenobudlelane obutsha noThixo, bemthobele kananjalo uThixo.
c. Khon' ukuze babengabadisipile abazinikele ngolona hlobo, bephila ngendlela engcwalisekileyo
d. Khon' ukuze babenovelwano ezintliziyweni, befikelela kwabo baphalele njengamanzi, besebenza ukuncedisa abahluphekileyo.

12 Bufuneni ubuso baKhe nithandazela uRulumente wethu (imizuzu emi-5)

1. UMeya, amalungu ebhunga ledolophu nawo onke amacandelo oburulumente.
2. Thandazelani ukuziphatha ngendlela nokubakhuthaza bonke abasebenza kwiidipatmente zikaRulumente ngakumbi iCandelo lamaPolisa oMzantsi Afrika, eleNtolongo neloBulungisa.
3. Ukuthobela imithetho ekusetyenzwa phantsi kwayo, kusenziwa izinto zonke ngendlela enesidima khon' ukuze iinkonzo zenziwe ngokwanelisayo nokuneziqhamo ezibonakalayo.
4. Thandazelani iinkokheli ukuba ziqonde ukuba zanyulwa ngesandla sikaThixo, kwaye ke ziyakuphendula kuye ngako konke ezikuphathisiweyo.

QAPHELA: Bufuneni ubuso baKhe ngokumbonga nokudumisa (imizuzu emi-5)

Ithuba lenu lokuthandaza liqukumbeleni ngemibongo neendumiso. Bulelani kuYehova kuba elungile, nime umzuzwana nibeka bonke abo nicinga ngabo, ngegama leNkosi uYesu Kristu.

TRANSFORMATION
Christian Network
Social transformation & moral regeneration

NMB: Transformation Christian Network
71 Main Road, Walmer, 6070 Tel/Fax: 041 581 5726
info@tcn.org.za www.tcn.org.za

NELSON MANDELA BAY
MASITHANDAZE

Isalathiso ngendlela ephathekayo yokulinda nokuthandaza ithuba leyure enye.

1 Funani ubuso baKhe ngokuthi nilibize iGama leNkosi (imizuzu emi-5)

UThixo, intsusa yalo lonke unyamezelo nokuvuseleleka (Rom 15:5), UThixo onenceba nobabalo (Eksodus 34:6), El-Shaddai (Onako konke, uManelisi) (Genesis17:1), Yahweh-Jireh (UThixo uyakusibonelela; uMboneleli) Genesis 22:14), Yahweh-Ropheka (UThixo okuphilisayo wena) (Eksodus 15:26), Yahweh-Shalom (UThixo osinika ukuphumla; INkosi eluxolo) (Ndumiso 35:27); uThixo umDali walo lonke ilizwe (Mika 4:13), uYesu Kristu iNdlela, iNyaniso kwanoBomi (Yohane 14:6), uKristu ongaMandla noBulumko bukaThixo (1 Korinte 1:24); iMvana ehleli esazulwini setrone (IsiTyhilelo 7:17), iMvana eyabingwayo (isiTyhilelo 5:12), uKristu iThemba loZuko (Kolose 1:26), uMoya kaYehova weNkululeko, uMoya wobulumko nowengqondo, uMoya wecebo nowobugorha, uMoya wokwazi nowokoyika uYehova (Isaya 11:2), uFefe kunye nemithandazo yezicelo, uBungcwalisa, uThando, iNyaniso, ubugorha, ukuzilawula, uBulumko, kunye nesiTyhilelo sokumazi uYehova, uMoya woZuko.